

# Izizathu ezilishumi zokugcina i-Ntshona Koloni iyi-DA

Oko i-DA yonyulwa ukuba ilawule i-Ntshona Koloni ngo-2009, uRhulumente we-Ntshona Koloni ube ngoyena Rhulumente wephondo oqhuba kakuhle kwilizwe lonke.

1. INtshona Koloni inelona **zinga lisezantsi labantu abangaphangeliyo** eMzantsi Afrika – ngaphezu kwepesenti ezilishumi (10) ngamanqaku angaphantsi kunezinga lentswel a-ngqesho likazwelonke pha ku32.1%. Kule minyaka imihlanu idlulileyo, **imisebenzi emine kwemihlanu eMzantsi Afrika idalwe e-Ntshona Koloni**.

2. Kukuphela **kwephondo apho izinga lokubulawa kwabantu lwehlileyo**, ngenxa yamagosa ogcino-mthetho (e-LEAP) ayi-1 300, ngentsebenziswano nesiXeko saseKapa, kunye neeyunithi zoKhuseleko lwaseMaphandleni z ephondo neeyunithi ze-K9.

3. IsiXeko saseKapa sele sinako ukucutha ucimi-cimi wombane kubathengi besixeko ukuya kutsho kwizigaba ezibini, apho iNtshona Koloni isendleleni yokuba **liphondo lokuqala ekungacinywa umbane** kweli lizwe.

4. I-75% yohlahlo lwabiwo-mali lukaRhulumente we-Ntshona Koloni ichithwa ngqo **kubahlali abahluphekayo nabasemngciphekweni**.

5. Malunga ne-150 000 yabantu ifudukela e-Ntshona Koloni minyaka le kuba befuna ukuhlala **kwiphondo elisebenzayo**.

6. **Abafundi abagqwesileyo bebanga le-12 elizweni** bavele e-Ntshona Koloni izihlandlo ezintandathu kwezisixhenxe kwiiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ezidlulileyo. Abafundi be-Ntshona Koloni **befumene amanqaku aphezulu kuvavanyo lwehlabathi lokufunda nokubhala** kunabafundi bamanye amaphondo.

7. I-Ntshona Koloni **yakha izikolo ezininzi ngokukhawuleza kunangaphambili**, oku kuquka nesikolo esakhiwe nje ngeentsuku ezingama-shumi asithandathu anihlanu (65)

8. I-Ntshona Koloni **inecandelo lezempilo likarhulumente elisebenzayo nelinempumelelo** elibonakala ngezibhedlele zalo eziphambili ezifana neTygerberg, iGeorge, iGroote Schuur, isibhedlele sabantwana iRed-Cross, nesibhedlele saseKhayelitsha, eMitchells Plain kunye esibhedlele sokubeleka saseMowbray.

9. **uMasipala waseKapa ngoyena oqhuba kakuhle kunabo bonke oomasipala abambaxa eMzantsi Afrika**, kwaye oomasipala basekhaya abathathu abagqwesileyo eMzantsi Afrika baphuma eNtshona Koloni bonke: eSwartland, eSaldanha naseDrakenstein.

10. Ngalinye kumasebe ali-shumi elinesine (14) ephondo leNtshona Koloni, kwakunye neziko ngalinye kwali-lishumi elinanye (11), azuze uphicotho-zincwadi olungenachaphaza kunyaka-mali ka-2022/23. **I-Ntshona Koloni kuphela kwephondo elikwaziyo ukuphendula ngesenti nganye yemali karhulumente echithiweyo**.

Ezi ziphumo bezingenakufezekiswa ngaphandle kwabantu baseNtshona Koloni. Njengabemi beli phondo, bayaqonda ukuba ubomi obungcono bunokufumaneka kuphela ngolawulo olululo. Kwaye kukho iqela elinye kuphela elinerekhodi kunye nombono wokulawula ngendlela eyiyo. Elo qela yi-Democratic Alliance.

I-DA iyaphumelela eburhulumenteni kuba ilawulela

abantu. Iqinisekisa ukuba kukho iziphumo kumagosa karhulumente angenzi msembenzi wabo okanye lawo afunyanwe enetyala lorhwaphilizo. Imali karhulumente eNtshona Koloni ichithwa ekunikezelweni kweenkonzo, isahlulo sesithathu saloo mali ichithwa kwabahlelelekileyo nababuthathaka. INtshona Koloni yahlangulwa kwiANC ngo-2009. Ukusukela ngoko, iDA ibonise uMzantsi Afrika wonke ukuba kunokwenzeka ukwakha urhulumente osebenzayo. Oku kuye kwavunywa nguMongameli Cyril Ramaphosa buqu, owathi nge-DA elawulwa yiNtshona Koloni ngo-2022:

Nangona sinokucinga ukuba amavili ayaphuma kuyo yonke into … sinesixeko esinye esisebenzayo, sinephondo elinye elisebenzayo, sinorhulumente osebenzayo xa iitshiphusi ziphantsi.

Oku kuthetha ukuthi: Nangona sinokucinga ukuba amavili ayaphuma kuyo yonke into … sinesixeko esinye esisebenzayo, sinephondo elinye elisebenzayo, sinorhulumente osebenzayo xa iitshiphusi ziphantsi.

Ukuqhubeka nokunikezela ngeenkonzo ebantwini baseNtshona Koloni, kufuneka siqinisekise ukuba wonke ummi weli phondo uyaphuma ukuya kuvota nge-29 kaCanzibe kwaye umntu ngamnye avotele i-DA.

INtshona Koloni Iyasebenza. Votela ukugcina iphondo lweNtshona Koloni liyi-DA.




# Izibhambathiso ezisixhenxe kuBantu base Ntshona Koloni

I-DA ithembisa ukuba:

1. Ukudala imisebenzi **emitsha eyi-800 000**.
2. Ukulwa ulwaphulo-mthetho **ngamagosa ogcino-mthetho ayi-1300**, amacandelo oKhuseleko lwaseMaphandleni kunye neeyunithi ze-K9.
3. Silwe ucimi-cimi wombane **ngezigaba ezine**.
4. Ukutyhala de sifumane ulawulo **lwamapolisa, ezothutho namazibuko**.
5. Ukwakha izikolo ezininzi ngokukhawuleza kwaye kunikezelwe **imfundo esemgangathweni** kumntu wonke.
6. Ukunikezela ngenkonzo yezempilo yoluntu **ekumgangatho wehlabathi**.
7. Ukuqhuba **urhulumente ongenabuqhopholo, ozisa izinto ezintsha** kubantu bonke.



# UQoqosho oluKhulayo, nolubandakanyayo oludala imisebenzi

### ISIBHAMBATHISO SOKUQALA: Ukudala imisebenzi emitsha eyi-800 000.

Ngelixa uqoqosho lo-Mzantsi Afrika lubuyela emva kwaye abantu abaninzi bephulukana nemisebenzi yabo, uqoqosho lwaseNtshona Koloni luyakhula kwaye kudaleka imisebenzi. INtshona Koloni inelona zinga liphantsi labantu abangaphangeliyo eMzantsi Afrika, lwehle nge-2.2 yepesenti ukusuka kwikota yesine ka-2022 ukuya kwikota yesine ka-2023.

Kule minyaka mihlanu idlulileyo, iphondo lenze elona galelo likhulu kwingqesho (78.9%) eMzantsi Afrika – oku kuthetha ukuba phantse imisebenzi emine kwisihlanu edaliweyo kweli lizwe yadaleka eNtshona Koloni.

Lo ngumahluko phakathi kwendlela ye-ANC 'ekhokelwa ngurhulumente' ekudaleni amathuba emisebenzi kunye nendlela ye-DA 'yokukhulisa' nokudala imisebenzi. Ukungakwazi kukaRhulumente weSizwe ukuvelisela izigidi zezigidi zemisebenzi kubangelwa yinkolelo yokuba urhulumente kufuneka aqeshe abantu ngokuthe ngqo. Ngokwahlukileyo koko, i-DA ikholelwa kutyalo-mali lwezoqoqosho ukuze amashishini akhule kwaye adale imisebenzi yokwenyani, ezinzileyo.

URhulumente weNtshona Koloni ubhengeze iGrowth For Jobs Strategy ngoJuly 2023. Esi sicwangciso-qhinga sijonge ukukhusela nokukhula koqoqosho oluphakathi kwe-4% ne-6% ngonyaka, nto leyo ekhokelela kuqoqosho lwephondo oluzitriliyoni zeerandi ngowama-2035 nokudalwa koqoqosho olutsha oluqikelelwa kuma-800 000 yamathuba engqesho.

Olu hlumo lunokwenzeka ngenkcitho karhulumente kwiziseko ezingundoqo ezivumela amashishini ukuba aphumelele nokudala imisebenzi. Kule minyaka mithathu izayo, uRhulumente weNtshona Koloni uza kutyala imali ezibhiliyoni zeeRandi ezingama-32.12 kwii-asethi ezisisigxina, iiprojekthi ezikhuthaza ukukhula kunye neziseko zophuhliso lwezolimo.

IsiXeko saseKapa senza utyalo-mali kwiziseko zophuhliso ngesantya esidlula kude nawuphi na uMasipala ombaxa. Kule minyaka mithathu izayo, esi sixeko siza kutyala imali ezibhiliyoni ezingama-40 zeeRandi, ephantse ilingane neRhawuti naseThekwini zidityanisiwe. Okumangalisayo kukuba, iKapa libalelwa kwi-60% epheleleyo ye-R100 yeebhiliyoni kwiiprojekthi zeziseko ezingundoqo ezibhengezwe ngo-2023.

INtshona Koloni inothungelwano lwendlela olulondolozwe kakuhle, urhulumente wephondo utyala imali eninzi kwiziseko ezingundoqo zeendlela ngaphandle komasipala ombaxa. Kulo nyaka uzayo, urhulumente wephondo uza kuchitha ngaphezulu kweebhiliyoni zeeRandi ezi-2.1 ekugcinweni nasekuphuculweni kweziseko ezingundoqo zeendlela kwiindawo ezibalulekileyo ezifana neDrakenstein, iMalmesbury, iGeorge ne-Overstrand.

INtshona Koloni yeyona ndawo ilungileyo yokushishina kweli lizwe. Phakathi kuka-Meyi 2019 no-Matshi 2023, ungenelelo olwenziwa yiYunithi yokuNcitshiswa kweRed Tape kaRhulumente weNtshona Koloni lubone ukongiwa kwe-R2.4 yeebhiliyoni kuqoqosho lwephondo. Ukunika amandla amashishini amancinci, iNgxowa-mali yoBooster yamaShishini amaNcinci, aPhakathi namaNcinci (SMME) uRhulumente weNtshona Koloni uncede iSMME ezingama-860, igcine imisebenzi engama-4 977.

Ukukhula kwentembeko yabatyali-zimali kukhokelele ekubeni iNtshona Koloni itsale utyalo-mali olungaphezulu kwesixhenxe eKapa kulo nyaka kumashishini afana nemveliso yebhetri ye-lithium-ion kunye nolwakhiwo lwentsimbi. Kuqikelelwa ukuba ezi projekthi zizodwa ziza kuvelisa i-R7 yeebhiliyoni kutyalo-mali oluthe ngqo lwangaphandle kunye nemisebenzi engama-3 075 kule minyaka mihlanu izayo.

I-arhente yokukhuthaza ukhenketho eNtshona Koloni, urhwebo notyalo-mali, i-Wesgro, iza kuqhubeka nokuqhuba utyalo-mali, ukukhula koqoqosho nokudalwa kwemisebenzi ngokukhuthaza nokukhulisa iimarike zephondo ezithumela ngaphandle, ukuyikhuthaza njengendawo yotyalo-mali ekhethwayo, nokutsala inani elikhulu labakhenkethi.

Imisitho yehlabathi efana neNdebe yeHlabathi yeB-hola yomnyazi, i-ePrix yaseKapa (iFormula E), iKlein Karoo Nazionale Kunstefees, iNdebe yeHlabathi

yoMbhoxo yeeSevens, iNdebe yeHlabathi yeQakamba yabaseTyhini yeT20, iNdebe yeHlabathi yeHockey Masters, uKhenketho lweBhayisikile yaseKapa, iTwo Oceans Marathon, iCape Epic kunye noMbaleki waseKapa uyawuqinisa ummandla njengendawo yemisitho yehlabathi kunye nokhenketho kunye nokudala imisebenzi.

EzoLimo licandelo elibalulekileyo lezoqoqosho kweli phondo, kunye ne-50% yemveliso yezolimo yaseMzantsi Afrika iphuma eNtshona Koloni. Ukudala amathuba emisebenzi kwezolimo, uRhulumente weNtshona Koloni unikezele ngemfundo noqeqesho lwezolimo kubafundi ababhalisiweyo abangama-2 248, wabonelela ngezifundo zezakhono ezimfutshane kubaxhamli abayi-17 098, kunye nenkxaso yemali ephunyeziweyo kubafundi abangama-539 abaphumeleleyo kule minyaka mihlanu idlulileyo. URhulumente weNtshona Koloni ukwaxhase amalinge okubuyiselwa komhlaba kwiphondo: i-83% yamafama okubuyiselwa komhlaba axhaswa nguRhulumente weNtshona Koloni azithatha njengamashishini ezolimo anempumelelo, oku kwahlukile kwizinga lo Rhulumente weSizwe lika-10% lempumelelo kwiiprojekthi zokubuyiselwa komhlaba.

Ukuqinisekisa ukuba bonke abahlali baseNtshona Koloni bayakwazi ukufikelela kwimisebenzi edalwayo kuqoqosho oluqhuba kakuhle, siya kuhlala sikwandisa ukuqaliswa kweVoucher yokuHamba yabafuna umsebenzi, ngoku ebonelela abantu abafuna imisebenzi abangaphezulu kwama-180 000 ngokukhwela iibhasi simahala ukuya kudliwano-ndlebe lwemisebenzi. Inkqubo ethi 'YearBeyond' ebonelele ngamava omsebenzi asemgangathweni kuma-7 846 'eYeboneers' ukususela ngo-2019 iza kunyuswa ukuze ulutsha oluphakathi kwama-3 000 nama-4 000 luxhamle minyaka le. I-70% yolu lutsha luya kuqhubela phambili ngezifundo zalo okanye luqhubele phambili kwingqesho. Ngokusebenzisa iNkqubo yeBhasari yeMasakh'iSizwe, eyenzelwe ngokukhethekileyo eNtshona Koloni, abantu abatsha abangama-865 baye baxhaswa ukuze bafezekise amaphupha abo okufumana ithuba lokufunda kwicandelo leziseko zophuhliso kumaziko emfundo ephakamileyo abambisene nawo.

# IPhondo Elikhuselekileyo

## ISIBHAMBATHISO SESIBINI: Ukulwa ulwaphulo-mthetho ngamagosa ogcino-mthetho ali-1 300, amacandelo oKhuseleko lwaseMaphandleni kunye neeyunithi ze-K9.




Iinzame zorhulumente wephondo zokunciphisa ulwaphulo-mthetho zikhokelwa siSicwangciso soKhuseleko seNtshona Koloni, (Western Cape Safety Plan) indlela esekelwe kwiinkcukacha-lwazi, yobungqina bokujongana nolwaphulo-mthetho. Oku kwazisa izicwangciso-qhinga zomsebenzi wamapolisa kwaye kuqinisekise ukuba izibonelelo ezinqongopheleyo ezikhoyo kuRhulumente weSizwe zisetyenziswa ngcono.

Inkqubo yesiCwangciso soNyanzelisa uMthetho (LEAP), ngentsebenziswano neSixeko saseKapa, yaqala ngo-2020 namagosa ogcino-mthetho angamakhulu amahlanu (500) athe atyalwa kwiindawo ezine eziphambili. Ukususela ngoko iye yandiswa yaya kutsho kwiindawo ezingundoqo ezili-13, kumiselwe amagosa e-LEAP ali-1 300. Ubuchwephesha obutsha obufana nobuchwepheshe bokuva izithonga zemipu kunye ne-'Eye-in-the-sky' (ukubona ubugebenga emoyeni) ziye zaziswa ukuqinisa ukusebenza ngempumelelo kwemisebenzi ye-LEAP.

Ukuza kuthi ga ngoku, amagosa e-LEAP abambe ngaphezulu kwama-27 000 kwaye athatha ngaphezulu kwe-554 yemipu engekho mthethweni ezitalatweni. Kubekho ukuhla okuqaphelekayo kwi-avareji yenani lolwaphulo-mthetho oluxeliweyo ukususela oko kwaphunyezwa i-LEAP. Amacandelo oKhuseleko lwaseMaphandleni kwiPhondo ajikeleza kumasipala waseSwartland nowaseOverstrand, kunye neeyunithi zeK9 kwingingqi yaseSwartland, Overstrand kunye neMossel Bay. Ukongeza koku, ngoku kukho ama-477 avunyiweyo aBalindi boBumelwane ephondweni, abaquka ama-14 632 ajikelezayo.

Olu tyalo-mali kubasebenzi abongezelelweyo ibonisa iziqhamo ezintle. Uphando oluzimeleyo lwe-Institute for Security Studies lubonisa ukuba kumaphondo amane avavanyiweyo - Gauteng, Mpuma Koloni, KwaZulu-Natal kunye neNtshona Koloni – iNtshona Koloni kuphela kwephondo apho



ukubulawa kwabantu kwehlileyo kule minyaka mihlanu idlulileyo.

Ukuthintela ulwaphulo-mthetho phambi kokuba lwenzeke, uRhulumente weNtshona Koloni uye waphumeza iYunithi yoThintelo loBundlobongela (Violence Prevention Unit) (VPU), ejonge ukulungisa oonobangela bolwaphulo-mthetho. Ibandakanya abathathi-nxaxheba abavela kurhulumente wonke kunye noluntu ngokubanzi bejolise kwimimandla ethile efuna uthotho longenelelo loluntu. Ngokusekwe kwiModeli yaseCardiff yoThintelo loBundlobongela, iinkcukacha ezisuka kumaziko ezempilo ephondo zikwasetyenziselwa ukuxhobisa ngezakhono zokulwa ulwaphulo-mthetho nothintelo.

Ukongeza, kule minyaka mithathu izayo uRhulumente weNtshona Koloni uza kuvavanya amatyala angama-15 000 abantwana abangquzulana nomthetho kwaye unenjongo zokuphumelela kubathathi-nxaxheba a bangaphezu kwe-16 000 kwiinkqubo yezoluleko. IChrysalis Academy iqhuba inkqubo yokuhlala yeenyanga ezintathu yabantu abatsha abasuka kwiindawo ezikude njengaseBeaufort West naseMossel Bay. Inkqubo yeenyanga ezintathu ibandakanya izakhono zobomi, ixesha elichithwe ngaphandle, kunye nokuqeqeshwa komsebenzi kunye nokulungela umsebenzi ngaphezu kokunyamekela unyango olujoliswe ekuxhaseni ulutsha kwinqanaba le-psycho-social.

Ukulwa uNtshona obusekelweni (Gender-based violence) (GBV), uvesi we Koloni kutsha nje uvul' uvullum olutsha amatsha amahlanu e-GBV, lonto izise inani lendawo ezilungiselelwe abantu abacatshazelwe yi-GBV ku-26 kwiphondo. Ikwaphehlelele kutsha nje imodeli kanozakuzaku we-GBV eMalmesbury naseDelft. Aba nozakuzakuzaku ba okwazi ukwazisa ngolwazi malunga nengcaciso yokuseta ingcaciso yengxoxo kunye neenkonzo ezithi ekuzogcisa ukubeka i-GBV.

# Ukupheliswa Kocimicimi wombane

## ISIBAMBISO SESITHATHU: Ukuhlisa ukucinywa kombane ngamabakala amane.

URhulumente weSizwe usilele ekuqinisekiseni unikezelo lombane oluthembekileyo ngenxa yokunyanzelisa imodeli yakudala yokuvelisa umbane okhokelwa ngurhulumente. Ucimicimi sisiphumo esithe ngqo soku kuthembela kurhulumente kazwelonke orhwaphilizayo nongakwaziyo ukulawula.

Isisombululo kwingxaki yombane eMzantsi Afrika kufuneka siphume ekwenyukeni kokuveliswa kombane ngaphandle kwe-Eskom. Ukuvumela ababoneleli babucala ukuba bavele kwaye kuvumelwe ukhuphiswano, ngaloo ndlela kuphuculwe inkonzo, ukwandisa unikezelo kunye nokwehliswa kwamaxabiso ombane.

Ukujongana nentlekele yokungabikho kombane , iBhunga lezaMandla eNtshona Koloni lasekwa ekupheleni kuka-2022. Ibhunga liqulunqa, liququzelela, kwaye liqhuba indlela yephondo yokunciphisa kwaye ekugqibeleni kuphele ukucinywa kombane.

INkqubo yeNtshona Koloni yokuBuyisa umbane (Western Cape Energy Resilience Programme) iza kwenza iphondo linciphise ukuxhomekeka kwalo ku-Eskom kumandla ombane, kwaye eli phondo sele lisendleleni eya ekubeni liphondo lokuqala elingacimekiyo kumbane kweli lizwe. Malunga neebhiliyoni ezisi-7 zeeRandi eza kuchithwa kule minyaka mithathu izayo ngurhulumente wephondo noomasipala ukwenza ukuba iNtshona Koloni ikwazi ukumelana nombane.

Inyathelo likaMasipala lokuZinzisa amandla ombane liphuhlisa kwaye lixhobisa oomasipala kwiphondo liphela ukuze baphumeze iiprojekthi zombane ohlaziyekileyo onezisombululo. Eli nyathelo ukuza kuthi ga ngoku libone isicelo esiyimpumelelo solwazi oluvela kwiiprojekthi ezingaphezu kwe-100 ezinokubakho zokuvelisa umbane. Ngama-2 000 eeMW asele ethengisiwe, nangaphezulu kuphuhliso, iphondo lisendleleni eya ekufezekiseni injongo yalo yokuvelisa ama-5 700 MW zombane ngo-2035.

IsiXeko saseKapa esilawulwa yi-DA siza kakuhle apho sijolise khona ekukhuseleni abathengi baso kwizigaba ezine zokuqala zokucinywa kombane ngo-2026. Kulo nyaka uzayo, isixeko siza kuchitha izigidi ezingama-R480 kukhuseleko lwaso ol-unezigaba ezine isicwangciso, esiquka i-R82.4

yezigidi zeerandi kwinkqubo yokulawula imfuno ye-Power Heroes, i-R377 yezigidi kwiziko lombane i-Steenbras Hydro, kunye ne-R31 yezigidi ekuphuculweni kwenkunzi ukuze kuqhutyekwe nokwandisa amandla okukhuselwa kombane eSteenbras.

Kule minyaka mithathu izayo, isixeko siza kuchitha imali eqikelelwa kuma-722 ezigidi zeerandi ekuthengeni umbane ngokuzimeleyo, kubandakanywa amandla ombane athunyelwayo aza kugalelwa ngamaxesha izinga lukusetyenzisa kombane liphezulu kunye neebhiliyoni zeerandi ezine ekuphuculeni nasekugcineni iziko lombane lesixeko lisemgangathweni– eyona nxalenye ibalulekileyo yezicwangciso kukuba isixeko singaxhomekeki ndawo sikwazi ukuzimela.

URhulumente weNtshona Koloni ubeke i-R89 yezigidi zeerandi koomasipala ukuqinisekisa ukuba iziseko ezingundoqo zamanzi nogutyulo ziyasebenza ngexesha lokucinywa kombane. Ukongeza, amaziko ezempilo ali-195 anomthamo wejenereyitha ukuze aqhubele phambili neenkonzo ezibalulekileyo ngexesha lokucinywa kombane, iikliniki ezingama-shumi mane anesixhenxe (47) zigqibe ukufakelwa i-inverter kwaye izibhedlele ezili-shumi (10) zihlangulwe ekucimeni kombane ukuya kutsho kwiNqanaba lesi-thandathu (6). URhulumente weNtshona Koloni unikezele ngeepakethi zoncedo zokucinywa kwemithwalo ezingama-3 996 (izisombulu-lo zokukhanyisa nokutshaja) ukunceda abantu abakhubazekileyo, abantu abadala, kunye namaxhoba obundlobongela obusekelwe kwisini.

# Umlo waMagunya amaPhondo athe xaxa

## ISITHEMBISO SESINE: Ukutyhala ulawulo lwamapolisa, ezothutho namazibuko.

Oorhulumente kulo lonke ilizwe bakwimeko yokuwohloka. URhulumente weSizwe ubonakalise ukuba akakwazi kuzalisekisa kwanele yesisiseko imisebenzi yakhe, nto leyo eneziphumo ezixhalabisayo kubemi baseNtshona Koloni. Omnye weyona miqobo mikhulu kwiinkonzo ezingcono eNtshona Koloni kukuba imisebenzi ethile, efana nobupolisa, ezothutho (kuquka uloliwe wabakhweli kunye noo-loliwe bemithwalo) namazibuko, iqhutywa nguRhulumente weSizwe.

Lixesha lokuba abahlali baseNtshona Koloni balawule le misebenzi ichaphazela ubomi babo. Oku kunokwenziwa ngokunikezela la magunya koorhulumente bamaphondo nabasekhaya, abanesakhono sokwenza umsebenzi ongcono kunoRhulumente weSizwe.

Yiyo le nto iDA inyanzelisa ukuba kuwiswe umthetho oyilwayo wamagunya eNtshona Koloni kwindlu yowiso-mthetho yephondo (Western Cape Powers Bill). Injongo yalo Mthetho osa Yilwayo kukuxhobisa uRhulumente weNtshona Koloni olawulwa yiDA ukuba alungise oko kwaphulwa nguRhulumente weSizwe olawulwa yi-ANC, edala indawo ekhuselekileyo nenempumelelo ngakumbi kubahlali baseNtshona Koloni.

Eyona njongo ingundoqo kukuthathela kuyo imisebenzi yeNkonzo yesiPolisa yaseMzantsi Afrika eyasilelayo kwiphondo, kunye nokukhokela izixhobo zokusebenza kwezobupolisa kwiindawo nongenelelo apho zifuneka kakhulu. Oku kuya kusondeza ukuthotyelwa komthetho kwaye kuvumele izicwangciso zamapolisa asekhaya ajongane nemingeni ehlukeneyo kweliphondo.

I-DA ikwaqhubela phambili kwaye ilungiselela ukuhanjiswa koololiwe. Kukho imfuneko emandla yenkonzo kaloliwe efikelelekayo, ekhuselekileyo nethembekileyo kubakhweli basezidolophini. Iinkonzo eKapa ziwile ngenxa yokungakwazi kuka Rhulumente weSizwe ukuyiqhuba kakuhle. Uphononongo loKwenziwa koMsebenzi kaLoliwe lwesiXeko saseKapa lufumanise ukuba inkonzo



kaloliwe yabakhweli esebenzayo iza konga amakhaya anengeniso ephantsi ukuya kutsho kuma-R932 ezigidi, igcine imisebenzi engaphezu kwama-51 000 ize yongeze i-R11 yeebhiliyoni ngexabiso kuqoqosho lwasekhaya nyaka ngamnye.

Amazibuko, ingakumbi iZibuko laseKapa, afuna ukuhlangulwa ngokukhawuleza kuRhulumente weSizwe. Itheminali esebenzayo yekhonteyina kwizibuko kule minyaka mine izayo iya kuthi iguqulele kwi-R5.6 yeebhiliyoni kuhlumo loqoqosho, kunye namathuba amatsha angama-20 000 okuvelisa i-R2.1 yeebhiliyoni zomvuzo kunye ne-R1.6 yebhiliyoni yerhafu. Kubalulekile ukuba icandelo labucala lingenelele ukuze liphucule ukusebenza kakuhle kweZibuko laseKapa kwaye siza kusebenzela ukwakha obu buhlobo.

# Imfundo eNgcono, kuMfundi ngamnye

## ISIBHAMBATHISO SESIHLANU: Build more schools faster and deliver quality education for all.

Isebe leMfundo leNtshona Koloni lisoloko liwadlula onke amanye amaphondo kwiimvavanyo zokuthelekisa zehlabathi. INtshona Koloni lelona phondo liqhuba kakuhle kakhulu kwiziphumo zeProgress in International Reading and Literacy Study (PIRLS), ifumene amanqaku angama-75 ngaphezulu komndilili wesizwe saseMzantsi Afrika. Ikwaliphondo eliqhuba kakuhle kakhulu kwi-Trends in International Mathematics and Science Study (TIMSS), lifumene amanqaku angama-67 phambi komndilili kazwelonke weMathematika namanqaku angama-91 ngaphezulu komndilili kazwelonke weSayensi.

Abona bafundi baphumeleleyo kwiBanga le-12 elizweni baphuma eNtshona Koloni kwiiMviwo ezintandathu kwezisixhenxe ezidlulileyo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke. Umviwa ogqwesileyo kwiMathematika uphume eNtshona Koloni kwiiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ezintlanu zilandelelana. Okubalulekileyo kukuba, izinga lokugcinwa kwabafundi beBanga le-12 lika-2023, elilinganisa ipesenti yabafundi beBanga le-10 ababhala iimviwo zabo zematriki kwiminyaka emibini kamva, linyuke ukusuka kuma-62.9% ngowama-2019 ukuya kuma-69.3% ngowama-2023.

Ethathela ingqalelo imfuneko yokubonelela ngemfundo esemgangathweni kuye wonke umfundi, urhulumente weDA eNtshona Koloni utyala imali yokufunda ezikolweni kwiphondo liphela – ngakumbi kwezona ndawo zihlwempuzekileyo. Ngo-2023, izikolo 'ezingahlawulelwayo imali' zaseNtshona Koloni zonke zawaphucula amazinga azo okupasa kunonyaka ophelileyo – amazinga okuphumelela kwezona zikolo zihlwempuzekileyo ze-quintile 1–3 eNtshona Koloni ngoku ziku-72%, 77.75% ne-78% ngokulandelelanayo.

Iziphumo zemfundo eNtshona Koloni ziye zenziwa zenzeka ngenxa yenkqubo 'yokubuyela kumzila' yokufunda eyaqalwa emva kobhubhani we-COVID-19, owahlutha uninzi lwabona bafundi bahluphekayo kweli phondo ixesha lokufundisa. Yeyona nkqubo inkulu yokubuyisela ukufunda kumabanga amaninzi eMzantsi Afrika.

Inqubo "iBack on Track" ijolise kubafundi abangama-338 000 nootitshala babo bamaBakala 1, 2, 3, 4, 7, 8, 10 no-12. Abafundi baya kwiiklasi ezongezelelweyo ngeempelaveki nangeeholide lo gama ootitshala befumana uqeqesho olongezelelweyo nenkxaso yobungcali. Njengenxalenye yale nkqubo, izikolo eziyi-333 zakhethwa ukuba zifumane i nkxaso ethagethiweyo esekelwe kwiziphumo zeemvavanyo zenkqubo yemfundo, ukongeza kwizikolo ezili-1 100 esele zifumene inkxaso eyongezelelweyo kwiSigaba seSiseko ukususela ngo-2022.




Ngo-2023, uvavanyo olucwangcisiweyo lweSebe leMfundo leNtshona Koloni lubonakalise impumelelo ebonakalayo kumanqaku eBanga lesi-3 xa kuthelekiswa nonyaka ophelileyo: izinga lokupasa kwiMathematika yeBanga lesi-3 linyuke ngepesenti eyi-4.3, laza inqanaba lokupasa kuLwimi lweBanga lesi-3 linyuke ngepesenti yesi-4.

Ngenxa yokukhula kwemfuno yezithuba kwizikolo zaseNtshona Koloni, uRhulumente weNtshona Koloni uqalise iNkqubo yoKwakha izikolo eziKhawulezayo ukuze kwakhiwe izikolo ezininzi ngokukhawuleza kunangaphambili. Ukususela ngo-2019, uRhulumente weNtshona Koloni uye wakha amagumbi okufundela angama-waka amabini, amakhulu mabini, aneshumi elinesixhenxe (2 217) kwizikolo ezitsha ezingamashumi amathathu anesihlanu(35), izikolo ezitshintshwayo eziyi-15 kunye nezikolo

esele zikho eziyi-323. Kwaye esinye isikolo, i-Saxonsea Junior High School, sakhiwe ngeentsuku nje ezingama-shumi amathandathu anesihlanu (65).

Njengenxalenye yale nkqubo isisiseko kukuqinisekisa ukuba akukho mfundi ushiyeka ngasemva, uRhulumente weNtshona Koloni unenjongo yokwakha ubuncinane izikolo ezitsha ezithandathu kunye neeklasi ezongezelelweyo eziyi-300 kwizikolo ezikhoyo ukulungiselela unyaka wesikolo ka-2025. Kutshanje uRhulumente weNtshona Koloni ubhengeze ukuba uNondyebo weSizwe wenze ulwabiwo lwethutyana lwe-R2.5 yeebhiliyoni kule minyaka mithathu izayo k wiNkqubo yoKwakha iZikolo eKhawulezayo.

# IPhondo Elisempilweni

## ISIBHAMBATHI SESITHANDATHU: Ukunikezela ngenkonzo yezempilo yoluntu ekumgangatho wehlabathi.

INtshona Koloni inecandelo lezempilo likarhulumente elisebenzayo neliyimpumelelo elibonakala ngezibhedlele eziphambili ezifana neTygerberg, iGeorge neGroote Schuur, nezinye ezifana neSibhedlele saBantwana -Red-Cross, iKhayelitsha, iMitchells Plain kunye neMowbray isibhedlele sokubeleka – zonke izibhedlele zikarhulumente zibonelela uluntu ngenkonzo lwezempilo olusemgangathweni.

Isebe lezempilo nezempilo eNtshona Koloni linelona xabiso liphantsi lerandi lamabango asemthethweni ezonyango abekwe ngokuchasene nalo elizweni. Oku kubonisa ukuba abasebenzi bezempilo baseNtshona Koloni benza iimpazamo ezimbalwa, benikezela ngomgangatho ophezulu wokhathalelo kunezinye iindawo eMzantsi Afrika. INtshona Koloni ikwalilo kuphela isebe lezempilo lephondo elizweni eliphumeze uphicotho-zincwadi olungenachaphaza kahlanu ngokulandelelana, nto leyo ethetha ukuba lichitha yonke imali yalo kwinto ebekufanele ukuba liyenze – ukukhathalela nokuphilisa abagulayo nababuthathaka.

Idatha kunye nokuveliswa kwezinto ezintsha kuqhuba ukwenza izigqibo kunye nokuqinisekisa ukuba imali eninzi yesebe ichithwa kwiinkonzo zempilo. Iinkcukacha zezempilo zikarhulumente zikwachaza iSicwangciso soKhuseleko seNtshona Koloni, ekhokela imisebenzi yokuthotyelwa komthetho kwiindawo ezinezehlo eziphezulu zokonzakala okunxulumene nolwaphulo-mthetho.

Ukwaziswa kweWellness Hubs kwenze ukuba kufumaneke iintlobo ngeentlobo zeenkonzo zempilo kunye nempilo entle, ezifana nocwangciso-ntsapho, ukuhlolwa kwezifo ezingapheliyo, iinkonzo zempilo yabantwana, kunye nokuhlolwa kwe-HIV kunye ne-TB ukunceda abahlali baqale bakhuphe kwaye bathintele izifo ezinxulumene nendlela yokuphila efana nesifo seswekile, intliziyo kunye nezigulo zokuphefumla. Isebe lezeMpilo neMpilo eNtshona Koloni liyaqhubeka nokusungula kunye nokubonelela ngeenkonzo ezikumgangatho ophezulu. Ngokomzekelo, kukho i-award-winning nkqubo yokulandelela isigulane ngasinye njengoko sifumana ukhathalelo kwiziko likaxakeka - ukusu-sela kwixesha abamkelwe ngalo kwaye bahlolwe ngumongikazi, ngenyathelo ngalinye kwinkqubo yeklinikhi.



NgoDisemba ka-2023, isebe lasungula iprojekthi yokulinga yeTeleICU, edibanisa oogqirha abase Groote Schuur noogqirha baseGeorge ngesixhobo serobhothi. Oku kuvumela ukufikelela ngexesha lokwenyani kubuchwephesha bokhathalelo olubalulekileyo, ukuphuculwa kokwenziwa kwezigqibo kunye nokudluliselwa kolwazi n gaphandle kokufuna ukuhambisa izigulane ukusuka kwelinye iziko ukuya kwelinye.

Kule minyaka mihlanu idlulileyo, uRhulumente weNtshona Koloni uthenge iirobhothi ezimbini ezintsha zotyando, ezenze utyando ezingama-391 kwisibhedlele iTygerberg kunye notyando oluyi-192 kwisibhedlele iGroote Schuur ukuza kuthi ga ngoku. Obu buchwephesha bobokuqala ngqa ukuba busetyenziswe e-Afrika, apho iGroote Schuur isibhedlele sokuqala secandelo likarhulumente ukuqalisa utyando lwerobhothi eMzantsi Afrika. Izibonelelo zale teknoloji kwizigulana zibandakanya amaxesha okusebenza ngokukhawuleza, iingxaki ezimbalwa, ukuhlala esibhedlele ixesha elifutshane kunye nokuchacha ngokukhawuleza.




# Ukubeka abantu phambi kwabePolitiki

## ISIBHAMBATHISO SESIXHENXE: : Ukuqhuba urhulumente ongenarhwaphilizo, ovelisa izinto e zintsha obonelela wonke ubani.

UMzantsi Afrika lelinye lawona mazwe angalinganiyo ehlabathini, nelinye lawona mazwe anentlupheko ephezulu. Ngelixa ukungalingani kusezantsi eNtshona Koloni kunakwilizwe liphela, uRhulumente weNtshona Koloni usebenza nzima ukunciphisa ukungalingani ngokubeka phambili iimfuno zabahluphekileyo nabahlelelekileyo.

Impumelelo kulo mba ibonakaliswe kukuphuculwa okuqhubekayo kweNtshona Koloni kwi-Index yoPhuhliso loLuntu (HDI), elinganisa le miba mithathu elandelayo yophuhliso lwabantu: impilo, imfundo kunye nengeniso yomntu ngamnye. I-HDI kwiphondo iphucuke ukusuka ku-0.61 ngo-2001 ukuya ku-0.74 ngo-2021 kwaye ingaphezulu ngepesenti ezili-10 zeedesimali ngaphezu kwamanqaku esizwe.
Kuhlahlo lwabiwo-mali lukarhulumente wephondo lwe-R255.29 yeebhiliyoni kule minyaka mithathu izayo, i-75.4%, okanye i-R192.21 yeebhiliyoni, iya kuchithwa ekuhlangabezaneni ngqo neemfuno zabahlali abahluphekayo nabasemngciphekweni. Oku kuya kubandakanya ulwabiwo lwenkathalo yezempilo, ukhathalelo olusekelwe ekuhlaleni, iinkonzo zempilo yengqondo, izithuthi zabafundi, inkqubo yesondlo ezikolweni, izindlu zabamkela umvuzo ophantsi, izitiya zokutya eluntwini nasezikolweni, amaziko ononophelo lwabantwana nolutsha, kunye neenkqubo zokuphelisa intlupheko. Iinkqubo zokunciphisa impembelelo yentlupheko zibonisa iziphumo:

- Phakathi kowama-2019 no-2023, zizonke izindlu ezingama-25 854 kunye neziza ezinikwa iinkonzo eziyi-16 249 zanikezelwa kubahlali kwiphondo liphela. Ezinye izindlu ezingama-13 589 zanikezelwa ngeNkqubo eHlangeneyo yoPhuhliso lweNdawo yokuHlala kunye neendawo eziyi-11 928 ezidityaniswe neenkonzo ezisisiseko.

- Urhulumente wephondo uyaqinisekisa ukuba abantu abahlala ngasemva kwezindlu kunye nabahlali basezifama abashiywa ngasemva. Umzekelo, phakathi kuka-2019 no-2023, i-1 865 yamathuba ezindlu anikwe abantu abahlala ngasemva kwingingqi ye-Overstrand, kunye nabahlali basezifama abangama-249 kunye nama-959 ahlala ngasemva eSwartland. Kulo nyaka uphelileyo, kwanikezelwa amathuba ezindlu kubahlali abangama-375 kunye nabahlali basezifama abangama-36 kumasipala ombaxa weKapa.

- Phakathi kowama-2019 no-2023, iitayitile eziyi-17 705 zabhaliswa kuphuhliso olutsha.

- Kwisithuba esisuka ku-2019 ukuya kowama-2023, ngokomyinge, uRhulumente weNtshona Koloni ubonelele ngenkxaso-mali yeebhedi ezingama-5 938 kumaziko okuhlala abantu abadala kwiphondo. Ngokwe-avareji, ezinye iinkxaso-mali ezili-15 691 zaye zakhutshelwa kukhathalelo olusekelwe ku luntu ukuze kuxhaswe abantu abadala kwaye iibhedi ezingama-735 zaye zaxhaswa ngemali kumaziko okuhlala abantu abadala.

- Kubantu abakhubazekileyo, phakathi kowama-2019 no-2023, iibhedi ezili-1 689 ziye zaxhaswa ngemali kumaziko okuhlala iiNPO.

- Bangama-2 034 abantu abadala abangenamakhaya abanikwe iibhedi kwiindawo zokuhlala phakathi kuka-2019 no-2023.

- Ukusukela ngo-2019, urhulumente wephondo ubonelele ngezidlo eziphekiweyo ezingaphezulu kwesigidi esi-1.1, kumaziko ayi-102 esondlo nophuhliso loluntu kunye namakhitshi esuphu a ngama-358 kwiphondo liphela.

- URhulumente weNtshona Koloni uqinisekisa impilo entle nesidima samantombazana kwiphondo liphela ngeProjekthi yakhe yeSanitary Dignity kwaye unikezele ngeepakethi ezingaphezulu kwe-3.432 yezigidi zeepads zangasese kubafundi kwiphondo liphela ukusukela oko yathi yasungulwa le projekthi ngo-2019/20.

- URhulumente weNtshona Koloni ubeke phambili

iiNkqubo zakhe Zokomelezwa koSapho ezijolise ekomelezeni ubudlelwane phakathi komkhathalelii wokuqala kunye nomntwana ukunciphisa ubundlobongela kusapho noluntu. Ngokwe-avareji, kwisithuba esisuka ku-2019 ukuya kowama-2023, iintsapho eziyi-18 624 ezithathe inxaxheba kwezi nkqubo, abantwana abangama-283 badityaniswa nabakhathalelii babo bokuqala, kwaye abangama-2 899 abanga bakhathaleli baseprayimari bagqibezela iinkqubo zemfundo noqeqesho lwabazali.

- Kuqeshwa ama-247 ootitshala benkonzo yentlalo-ntle abongezelelweyo. Oku kuqeshwa kuya kunceda kuzinzisa inkqubo yentlalontle ethwele umthwalo ogqithisileyo kunye nokhuselo lwabantwana.

URhulumente weNtshona Koloni uyasabela kwiimfuno zabemi kuba usebenza ngentsebenziswano noluntu kwaye ubonelela ngamajelo ukuze abantu babelane ngendlela abazifumana ngayo iinkonzo zikarhulumente.

Ukusukela ngo-2019, iZiko loQhagamshelwano loRhulumente weNtshona Koloni lifake abafowunelwa abayi-1 426 995 kwaye lenze amatikiti ayi-1 045 213. Kwezi, amatikiti ayi-1 010 829 asonjululwe - ireyithi yesisombululo engama-96.71%. Iphulo 'Lwesine Wokuqala' laqaliswa ngo-2019, linika abahlali iqonga lokuphakamisa imiba enxulumene nolawulo kunye neengcinga buqu kwiNkulumbuso, abaPhathiswa bePhondo kunye namagosa. Kule minyaka mihlanu idlulileyo, imisitho yangoLwesine yokuQala yabanjwa ngokobuqu, kunye nabahlali abangama-6 444 ababekhona, kwaye abangama-34 babanjwa kwi-Intanethi ngenxa yobhubhani we-COVID-19.

Eli nqanaba lokufikelela kwiinkokeli zikarhulumente alizange libekho ngaphambili eMzantsi Afrika kwaye likhatshwa nokuzibophelela kukaRhulumente weNtshona Koloni ekwenzeni izinto elubala norhulumente ongenarhwaphilizo.

Uphicotho lwendlela yokuphila lwenziwa kuwo onke amalungu eKhabhinethi ngo-2020, ingxelo yokugqibela yafumanisa ukuba bonke abaPhathiswa bePhondo kunye namaqabane abo baphila ngendlela ehambelana nemivuzo yabo. Isebe ngalinye kwali-14 lephondo leNtshona Koloni, kwakunye neziko ngalinye, liphumelele u phicotho-zincwadi olungenachaphaza kunyakamali ka-2022/23, olubonisa ukuba imali karhulumente eNtshona Koloni ichithwa kwiinkonzo zoluntu hayi abezopolitiko.

Ukusebenzisa imali karhulumente ngeyona mpembelelo iphezulu, uRhulumente weNtshona Koloni ugxile ekuqaliseni izinto ezintsha nakwithekhinoloji. Olu lutsha lubonakaliswa ngumsebenzi wobuvulindlela karhulumente kwimpilo, imfundo, amandla kunye nokulwa nolwaphulo-mthetho, njengoko kukhankanywe ngaphambili, kunye nendlela yokuthintela iintlekele, ulawulo kunye nokuqina kwemozulu. Ukususela kwinkqubo yakhe yolawulo lwezendlela ukuya kwicandelo lezempilo kunye nokulwa nolwaphulo-mthetho, urhulumente wephondo usebenzisa iinkcukacha ukukhokela ungenelelo, ukulinganisa impumelelo kunye nokulungisa indlela asebenza ngayo.

IZiko loLawulo lweNtlekele kwiPhondo leNtshona Koloni (PDMC) libe ngumnxibelelanisi osebenzayo kwiimpendulo zikaxakeka ngexesha leentlekele ezinkulu, ezifana nezikhukula zempelaveki yoSuku lweLifa leMveli lowama-2023, ukucinywa kombane ka-Eskom eKaroo ngoFebruwari, nangexesha lomlilo lika-2023/24 xa ivuliwe. ngenye imini phezu kwe-18 imililo eqatha yayivutha kulo lonke iphondo.

I-PDMC ibeka eli phondo ukuba likwazi ukusabela kwimeko yemozulu eguqukayo. IsiCwangciso esiDibeneyo sokuSabelana neMbalela nezaManzi seMinyaka eli-15 eNtshona Koloni sibeka umyinge wendlela yokujongana nokunqongophala kwamanzi kwaye uthintele imeko yexa elizayo "ye-Day Zero".

Ngexesha lobhubhani we-COVID-19, uRhulumente weNtshona Koloni wakha esona sibhedlele sikhulu sase-Afrika kwiiveki nje ezintandathu kwaye waphehlelela ideshibhodi ejongene noluntu ye-COVID-19 ephumelele iMbasa ye-Afrika yobuGcisa ngokuSetyenzisa okuGqwesileyo koBuchwepheshe kwiCandelo loLuntu. Ngexesha lobhubhane, uRhulumente weNtshona Koloni wazisa amayeza ngqo kumakhaya abantu ukuze awagcine ekhuselekile kwaye aqinisekise ukuba iikliniki kunye nezibhedlele zinokugxila ekusabeleni kule ngxaki iqhubekayo.

# UKUQUKUMBELA

INtshona Koloni iyasebenza. Urhulumente wephondo olawulwa yiDA ukhokele kuyo yonke imiba ebalulekileyo yonikezelo: ukudala amathuba emisebenzi ngokukhula koqoqosho, ukucutha ulwaphulo-mthetho, ukucuthwa kokuxinana, ukwakhiwa kwezikolo, ukuphuculwa kwezempilo nokubeka abantu phambili kwezopolitiko. Sifuna ukuqhubeka sinikezela ngeenkonzo kubemi baseNtshona Koloni, kodwa sifuna ivoti yakho ukuze siqhubele phambili. Ivoti yeDA yivoti yephondo elisebenzayo.

## Votela ukugcin' iNtshona Koloni iyi-DA

